



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2012

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO(FAL) – P3

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali – 10.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:
 ICANDELO A : Izincoko (50)
 ICANDELO B : Imihlathana emide (30)
 ICANDELO C : Imihlathana emifutshane (20)
2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha elitsha.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci KWICANDELO A. Imizuzu engama-40 KWICANDELO B nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.
8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo. QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
11. UBUDE BEEMPENDULO:
 ICANDELO A : Izincoko – Bhala isincoko esili-140 – 190 amagama.
 ICANDELO B : Imihlathana emide – Bhala ama-80 – 100 amagama.
 [umxholo kuphela]
 ICANDELO C : Imihlathana emifutshane – Bhala ama-60 – 80 amagama.[umxholo kuphela]

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Nika isihloko apho kufaneleke khona. Bhala amagama angama-140 – 190.

- 1.1 Abantu abadala banemfundiso ethi, “Thanda ummelwane wakho njengoko nawe uzithanda”. Kule mihla le mfundiso ayisakhathalelwanga. Bhala isincoko malunga nale mfundiso. [50]

OKANYE

- 1.2 Wawuye emjuxuzweni nabahlobo bakho, naze nafika emakhaya nimaphikana, nibomvu ligazi, iimpahla zidlakadlaka abanye bengasenazihlangu. Bhala isincoko uveze konke okwathi kwenzeka ngaloo mini. [50]

OKANYE

- 1.3 Bhala isincoko esinesihloko esithi, “Kubalulekile ukubanomonde uzingise ebomini”.

[50]

OKANYE

- 1.4 Namhlanje sele ungosomashishini ophume izandla, kodwa bekungelulanga ukuza kufika kule ndawo ukuyo. Khawubuyele umva ngeengcinga ubalise ngendlela ubusiwa uvuka ngayo ukuza kuthi ga kule ndawo ukuyo ngoku. [50]

OKANYE

- 1.5 Ungumntu nje awukwazi ukuphila wedwa, uyamdinga umhlobo osenyongweni. Bhala isincoko esithi, “Umhlobo wenene”. [50]


OKANYE

- 1.6 Bhala isincoko esiphela ngamazwi athi, “lo mini andiyinqweneli ukuba ibuye ebomini bam”. [50]

OKANYE

- 1.7 Jonga le mifanekiso ilandelayo uze ukhethhe ube MNYE ubhale isincoko esibonisa loo nto ithethwa ngumfanekiso. Sinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakho.

1.7.1




[MATIELAND WINTER 2011: IPHEPHA 22]

[50]

OKANYE

1.7.2



[NAPTOSA INSIGHT; VOLUME 4; ISSUE 2 NOVEMBA 2010: IPHEPHA 27]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathana omde ube MNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-80 – 100 umxholo kuphela. Nceda uqale eli Candelo kwiphepha elitsha.

2.1 UDLIWANO-NDLEBE

Yenza udliwano-ndlebe nomntu oliqhawe nongumzekelo womntu ongaphila njengaye. Lo mntu ingangumntu osenkonzweni, kwezopolitiko, kwezemidlalo, kwezoshishino, njalo-njalo.

[30]

OKANYE**2.2 ILETA**

Ubuye kuthenga kwivenkile oyithanda kunene noqhele ukuya kuyo. Ngelishwa ngale mini awufumananga luncedo lwaneleyo, koko ufumene ubukrwada obumangalisayo. Bhalela umanejala wevenkile leyo ukhalazele le mpatho uyifumene kule venkile.

[30]

OKANYE

2.3 ISIVI

Funda esi sibhengezo silandelayo:

**IPHEPHANDABA LASEKUHLALANI 'IZENZELE' - 18 EYENKANGA 2012
ISITHUBA SOMSEBENZI!!! ISITHUBA SOMSEBENZI!!!**

**UMZI WAKWABUHLE BENDALO WEMVELISO
ZOKUTHAMBISA ULUSU**

**UNESITHUBA SOMSEBENZI SOMNTU ONESAKHONO
SOKUTHENGISA.**

IZINTO EZILINDELEKILEYO KUMQESHWA:

- Ibanga le-10.
- Uyakwazi ukuthengisa.
- Unendlela ephucukileyo yokuthetha nabathengi.
- Ulixabisile ixesha.
- Uyawuthanda umsebenzi.

QAPHELA: Amava akho ngomsebenzi asinto ibalulekileyo.

Umhla wokuphelelwa: 5 kweyoMnga 2012

Ixesha: Ngentsimbi ye-4 emva kwemini.


Uphandlwe sesi sithuba siphume kwiphephandaba lasekuhlaleni ngoku unomdla walo msebenzi, njengoko sele ujonge kwiiholide zehlobo. Bhala **ISIVI** yakho enomtsalane uyithumele kule venkile ichazwe ngasentla.

[30]

OKANYE

2.4 INTETHO

Abantwana bengingqi ohlala kuyo bakuthatha njengomntu ozibambezelayo ngobomi kuba usoloko uxakekile ziincwadi zakho unghambi neendibano zolutsha zolonwabo. Loo nto wena yakunceda kuba uphumelele ebomini. Yenza intetho ekhuthaza aba basafundayo ubaxelele ngokubaluleka kwemfundo.



[NAPTOSA INSIGHT; VOLUME 4; ISSUE 2 NOVEMBA 2010: IPHEPHA 22]

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha umhlathana omfutshane ube MNYE kule ingezantsi ubhale ngawo. Ubude mabube ngamagama angama-60 – 80. Qala eli Candelo kwiphepha elitsha.

3.1 IRESIPHI

Emva kokuba ungcamlise abahlobo bakho isityu senyama yegusha ubuyipheke ethekweni lokwamkela umama wakho ovela phesheya, bakucele ukuba ubafundise indlela osipheke ngayo esi sityu. Bhala iresiphi yokwenza esi sityu, udwelise izithako ozisebenzisileyo ukusenza nendlela osenze ngayo.



[BONA XHOSA; AGASTI 2011: IPHEPHA 77]

[20]

OKANYE

3.2 ISIMEMO

Ulungiselela umgidi womnakwenu ngoko ke kufuneka wazise izihlobo nezalamane. Yila isimemo salo mgidi. [20]

OKANYE**3.3 UMYALELO**

Njengosihlalo webhodi yabafundi, bhala umyalelo wezinto eziza kwenziwa xa kusamkelwa abafundi abatsha bebanga le-8 esikolweni sakho. [20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE: 100

